

**NguMongameli  
Dieter F. Uchtdorf**  
UMcebisi weSibini  
kuBongameli BokuQala



# Zalisa Ihlabathi Ngothando lukaKrestu

**X**a sicinga ngeKrisimesi, sivame ukucinga ngokuni-kezela kunye nokufumana izipho. Izipho zingaba yinxalenye yesithethe esixatyisiweyo, kodwa zisenokuphambuka kwisidima esilula selixesha yaye zisiphazamise ekubhiyozeleni ukuzalwa koMsindisi ngendlela enentsingiselo.

Ndiyazi ngokwawam amava ukuba ezona zibalaseleyo ukukhumbuleka iiKrisimesi ingaba zezo zithobeke ngakumbi. Amabhaso obuntwana bam ngokuqinisekileyo ayehlelekile ngokwezininga lanamhlanje. Maxa wambi ndandifumana ihempe elungisiweyo okanye ipere yesinxibo sezandla okanye iikawusi. Ndikhumbula enye iKrisimesi eyayikhethekile xeshikweni umntakwethu wandinika imela yekhuni awayeyenzile.

Akuthathi zipho zibizayo ukwenza iKrisimesi ibenentsingiselo. Ndikhumbula ibali elabaliswa ngu Mdala Glen L. Rudd, owayekhonzwa njengelungu LabangaMashumi Asixhenxe ukususela ngo 1987 ukuyokutsho ngo 1992. Ngenye imini phambi kweKrisimesi kwiminyaka eliqela edlulileyo, ngethuba wayephethe uvimba wooBhishophu, wafunda kwinkokheli yecawe ngosapho olwaluhlelekileyo olwalusanda kufika esixekweni. Ngethuba endwendwela igumbi labo elincinci ababeliqeshile, wafumana umama omtsha ongenamyeni nabantwana abane ababudala bu-ngaphantsi kweshumi.

Izidingo zolusapho zazinkulu kangangokuba umama lowo wayengenako nokuthengela abantwana bakhe izimuncumuncu kunye namabhaso ngalooKrisimesi wayengenako nokuthenga kwa umthi lo wembala. UMzalwana Rudd wathetha nosapho yaye wafunda ukuba amantombazanana lawo mathathu ayengathanda unodoli okanye isilwanyana esihlohlweyo. Xa wayebuzwa unyana ominyaka mithandathu ukuba wayefuna ntoni, loo nkwenkwana ilambileyo yaphendula, “Ndingathanda isitya somgubo wehabile.”

UMzalwana Rudd wathembisa inkwenkwana umgubo wehabile kunye mhlawumbi nento engenye. Waza wasingisela kuvimba woobhishophu yaye waqokelela ukutya kunye nezinye izinto ukuhlangana nezidingo ezikhawulezileyo zosapho.

Ngaloo ntsasa kanye ongcwele wemihla yamva onesandla esishushu wayemnike iidola ezingama- 50 ukwenzela mntu-thile uhlelekileyo. Esebenzisa elo lizo, uMzalwana Rudd wafumbathisa isithathu sabantwana abangabakhe waza wayokwenza intengo yeKrisimesi encediswa ngabantwana bakhe ukukhetha izinto zokudlala zabantwana abahlelekileyo.

Emva kokulayisha kwimoto ukutya, iimpahla, izipho, umthi weKrisimesi, kunye nemihombiso, usapho lwa-kaRudd lwaqhuba lusingise kwigunjana elaliqueshwe

lolusapho. Apho bancedisa umama kunye nabantwana bakhe ukumisa umthi. Emva koko babeka amabhaso phantsi kwawo yaye banikezela inkwenkwana ngomqulu omkhulu womgubo wehabile.

Umama walila, abantwana bagcoba, baza bonke bacula ingoma yeKrisimesi. Ngobo busuku xa usapho lwakwa-Rudd lwaluhlangene kwisidlo sangokuhlwa, babulela ngokuba baye bakwazi ukuzisa uchwayito oluthile lweKrisimesi kusapho olungolunye kunye nokunceda inkwenkwana ifumane isitya somgubo wehabile.<sup>1</sup>

### UKrestu kunye Nomoya Wokupha

Cinga ngendlela elula nekwanesidima uBawo oseZulwini wakhetha ngayo ukuwonga ukuzalwa koNyana waKhe. Ngoba busuku bungcwele, iingelosi zange zivele kwizityebi kodwa kubelusi. Umntwana uKrestu zange azalwe kwindlukazi kodwa kumkhumbi wesitali. Wayengasongwanga ngesilika kodwa ngempahla ezisongelweyo.

Ubulula baloo Krisimesi yokuqala bandulela ubomi boMsindisi. Nangona Yena wayedale umhlaba, wahamba kumazwe obungangamsha kunye nozuko, yaye emi kwisandla sokunene sikaBawo, Waza emhlabeni oko mntwana ongenakuzinceda. Ubomi baKhe babungumzekelo wobungangamsha obuthobekileyo, yaye wahamba phakathi kwabahlelelekileyo, abagulayo, abamatshekileyo, kunye nabasindwa ngumthwalo.

Nangona Wayeyinkosi, wayengakhathalelanga mawonga nabutyebi babantu. Ubomi baKhe, amazwi aKhe, kunye nezinto awayenza imihla ngemihla babuzizikhumbuzo zezinto ezilula kodwa zinesidima esimangalisayo.

U Yesu Krestu, owayekwazi ngokugqibeleleyo ukupha, wasimisela umfuziselo wokupha. Kwabo bantliziyo zinzima kukuba bodwa kunye nokubulaleka, Yena uzisa imfesane kunye nentuthuzelo. Kwabo bamizimba kunye neengqondo zikwiimbandezelo kukugula kunye nokusokola, Yena uzisa uthando kunye nokuphila. Kwabo bami-phfumlo idandathekayo sisono, Yena unikezela ithemba, uxolelo, kunye nosindiso.

Ukuba uMsindisi ebephakathi kwethu namhlanje, besinokumfumana apho wayesoloko ekhona elungiselela kwabo banobulali, kwabamatshekileyo, kwabakhathazekileyo

kunye nabahluphekayo emoyeni. Ngelixesha leKrisimesi kunye nalo lonke ixesha, yanga singampha ngokuthanda njengoko naYe ethanda. Yanga singakhumbula isidima esithobekileyo sokuzalwa kwaKhe, izipho, kunye nobomi. Yaye yanga singathi, ngezenzo ezincinci zobubele, isisa, kunye nemfesane, sizalise ihlabathi ngokukhanya kothando lwaKhe kunye namandla okuphilisa.

### ISIKHUMBUZO

1. Bona Glen L. Rudd, *Pure Religion: The Story of Church Welfare since 1930* (1995), 352–53; see also Glen L. Rudd, “A Bowl of Oatmeal,” *Church News*, EyoMnga 2, 2006, 16.

### UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

UMongameli Uchtdorf ufundisa ukuba kumele silandele umfuziselo wokupha woMsindisi. Cingisisa ngokubuzabantu obandwendwelayo banikane amathuba ngokukhankanya isipho uMsindisi abanike sona, baze baxoxe ukuba bangasisebenzisa njani eso sipho ekuncedeni abanye. Umzekelo, ukuba ilungu lasikelelwa ngezifundo zomculo, yena angayokuculela abamelwane iingoma zeKrisimesi. Ungacela ukuguqa ekuthandazeni nabo ubandwendwelayo, ucele impembelelo malunga nezipho onokuzaba, indlela onokuzaba ngayo, yaye nobani. Landela nokuba yeyiphina impembelelo oyifumanayo.

## ULUTSHA

### Funda Kumava Abanye

UMongameli Uchtdorf uthetha ngawakhe amava xa efundisa ukuba “ezona zibalaseleyo ukukhumbuleka iiKrisimesi ingaba zezo zithobekile ngakumbi.” Singafunda lukhulu kwisizukulwana esidala; uninzi lwabantu abadala baphile kumaxesha emfazwe, ukungabikho kwempangelo, ukugula, okanye okunye ukuvavanywa. Cela amalungu amadala esebe lakho ukuba akuxelele ngeyona Krisimesi inentsingiselo kubo. Ungawabhala phantsi amabali wabo. Zama ukufunda kumzekelo wabo ngokugxininisa ngaleKrisimesi ngakumbi ekupheni uncedo olunyanisekileyo kunye nokukhumbula uMsindisi.

### Izipho ezisuka kuYesu Krestu

**A**banye abantu basebenzisa umthi weKrisimesi ukubhiyozela ukuzalwa kukaYesu Krestu. Ngamanye amaxesha abantu babeka izipho zabanye phantsi komthi. Ziziphi izipho uMsindisi akuphe zona? Zoba owakho umthi weKrisimesi namabhaso amahlanu ngaphantsi. Funda izibhalo ezingaphantsi uze wenze umbala wesipho esinye kwisibhalo ngasinye. Ungabuyisela izipho kuYesu ngokufumana iindlela zokunceda abanye.

Iindumiso 33:6

Yohane 14 : 27

Yohane 15:9

2 Nifayi 2:8

3 Nifayi 15:9

© 2014 ngo Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kushicilelwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/14. Isivumelo Sokuguqula: 6/14. Inguqulelo ye *First Presidency Message, December 2014*. Xhosa. 10872 774



# Umsebenzi wobuThixo kaYesu Krestu: iNkosana yoXolo

*Funda ngokuthandaza ezi zinto kwaye ucele ukwazi ukuba ungabelana ngantoni. Ukuqonda kabanzi ubomi nendima yoMsindisi kuza kulukhulisa kanjani ukhoho lwakho kuYe kwaye kuza kubasikelela kanjani abo ubagadisiweyo ngokubafundisa ngokubandwendwela? Ngenkcukacha ethe vetshe, yiya kureliefociety.lds.org*

**Ukhoho, Usapho, Uncedo**

*Le yinxalenye yothotho lwemiyalezo yokufundisa ngokuNdwendwela ibonisa iinkangeleko ezininzi zomsebenzi woMsindisi.*

**“U**Msindisi ungumthombo woxolo lokwenene,” watsho uMdala Quentin L. Cook weQumrhu labaPositile Abalishumi Elinambini. “Nkqu sekhuko uvavanyo lobomi, ngenxa yeDini loMsindisi kunye nofefe lwaKhe, ukuphila ngobulungisa kuyakuvuzwa ngoxolo kumntu ngamnye.”<sup>1</sup>Ukwazi nzulu ukuba uYesu Krestu uyiNkosana yoXolo kungasanceda sifumane uxolo lwangaphakathi yaye sikhulise ukhoho lwethu kuYe.

UYesu Krestu wathi: “Ezi zinto ndizithethile kuni, ukwenzela ukuba kum ningaba noxolo. Ehlabathini niyakuba neembandezelo: chwayitani ke ngoko; ndiloyisile ihlabathi” (Yohane 16:33). Esaba ubungqina balenyani, uLinda S. Reeves, umcebisi wesibini kubongameli Bombutho Wamanina jikelele, wathi: “iNkosi ibenemfesane kum yaye

indincedile ukwenza umthwalo wam lula. Indincedile ukuba ndive uxolo olukhulu.”<sup>2</sup>

UMdala Richard G. Scott weQumrhu labaPositile Abalishumi Elinambini wafundisa: “Eyona ndawo yomzekelo ogqibeleleyo . . . woxolo iphakathi kwamadonga amakhaya wethu, apho senze konke esinako ukwenza iNkosi uYesu Krestu isiseko esiyintloko.”<sup>3</sup>

## ***IziBhalo Ezongezelelweyo***

Isaya 9:6 Luka 2:14Yohane 14:271 Nifayi 13:37Iimfundiso kunye neMinqophiso 59:23

## ***Okuvela kwiZibhalo eziNgcwele***

U-Isaya waprofetha ngokuza-lwa kukaYesu Krestu, iNkosana yoXolo (bona Isaya 9:6). Kwelase Melika, uSamweli uMleyemayithi wabalisa ngemiqondiso eyayiyakupheleka ukuzalwa kukaKrestu kwiminyaka emihlanu eyayizakulandela. bona uHilamani 14:3, 5 Njengoko elosuku laliprofethiwe lalisondelela, abangakholwayo

bagrogrisa ngokubulala onke amaKrestu ukuba lemiqondiso yayingazukwenzeka. Umprofethi uNifayi “wadanduluka ngamandlakazi eNkosini yonke loo mini; kwaye qaphelani, ilizwi leNkosi lafika kuye, lisithi: . . . ngengomso ndiza ehlabathini”<sup>3</sup> Nifayi 1:12-13 Imiqondiso yabonakala, yaye kunye nokuzalwa kukaKrestu, “abantu baqalisa kwakhona ukuba noxolo elizweni” (umqolo 23).

EBhetelehem, uMariya “wamazala unyana wakhe wamazibulo, yaye wamsongela kwiimpahla ezisongelweyo, wamlalisa emkhumbini wesitali” (Luka 2:7).

## **IZIKHUMBUZO**

1. Ngu Quentin L. Cook, “Personal Peace: The Reward of Righteousness,” *Liyahona* Canzibe 2013, 35.
2. Linda S. Reeves, “Claim the Blessings of Your Covenants,” *Liyahona* Eyenkanga 2013, 120.
3. Richard G. Scott, “For Peace at Home,” *Liyahona* Canzibe 2013, 29.

## ***Cingisisa Ngoku***

Ziziphi iindlela uMsindisi azisa ngazo uxolo ebomini bakho?